PanSALB
PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD

ISIMEMO SOKUTYUNJELWA KWIIBODI ZEELWIMI ZESIZWE

IBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika (PanSALB) imema uluntu kunye namaziko anomdla kwiilwimi ukuba atyumbe abantu ukuze baqwalaselwe ngenjongo yokuba babe kwiiBhodi zeeLwimi zeSizwe (NLBs) ze-PanSALB ngokweelwimi ezilishumi elinanye ezisemthethweni (Sepedi/Sesotho sa Leboa, Sesotho, Setswana, Siswati, Tshivenda, Xitsonga, isibhulu ,isingesi, isiNdebele, isiXhosa, isiZulu), Khoi, Nama kunye nolwimi lwe-San, kunye noLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika (SASL).

IBhodi yeeLwimi yeSizwe (NLB) nganye isebenza phantsi kwemiqathango yecandelo 8(8)(b) loMthetho iPan South African Languages Act (uMthetho 59 ka-1995), njengoko wenziwe izilungiso, nangokweMigaqo yeeBhodi zeeLwimi zeSizwe zePanSALB (iSaziso seBhodi sama-94 sonyaka wama-2005).

Amalungu azosebenza ngokungesosigxina exesha leminyakeni emihlanu ukususela ngomhla wokuqeshwa kwawo. Akukho ntlawulo njengoko oku kuthathwa njengomsebenzi woluntu. I-PanSALB ihlawula iindleko ezinxulumene nokuhamba kunye neendawo zokulala amalungu akhethelwe ukuba asebenze kwii-NLB ezichaphazelekayo.

Abantu abafanelekileyo kufuneka bafeze ezi zidingo zilandelayo:

- Mayibe lulwimi lwenkobe lwakho otyunjelwa kulo
- Yiba ngumthandi wolwimi kwaye uzibophelele, ufake isandla kuphuhliso nasekusetyenzisweni kolwimi oluchaphazelekayo;
- Yiba yingcali kwaye ube nolwazi olunzulu ngolwimi oluchaphazelekayo, nobuchule kuyo nayiphi na kwezi nkalo: ukulungelelaniswa kweelwimi, uphuhliso lwesigama, ezochazo-magama, uluncwadi kunye nezosasazo, ukuguqulela nokutolika, nakwiilwimi kwezemfundo.

Utyumbo kufuneka luthunyelwe ngokubhalwe phantsi yaye kufuneka luquke ezi nkcukacha zilandelayo:

- Itayitile, amagama ngokuphelelyo, iidilesi, (eyasekhaya kunye neyeposi) kunye neenkcukacha zokuqhakamshelana nalowo utyunjiweyo, umtyumbi kunye nomxhasi, kunye neMbali eFinyeziweyo (CV) yalowo utyunjiweyo engamaphepha amabini. I-CV kufuneka ibe namagama alowo utyunjiweyo, inombolo yesazisi kunye nesini, idilesi yoqhakamshelwano, igama lephondo, inombolo yoqhakamshelwano, inombolo yefeksi kunye nedilesi ye-imeyile (xa ikhona), kunye nenkcazo ngamava, ulwazi kunye nezakhono.
- Ikopi eqinisekisiweyo ye-ID, iziqinisekiso zemfundo nezobungcali obufundelwayo zalowo utyunjiweyo.
- Naluphi na ulwazi olulolunye oluxhasayo, kuquka amagama neenombolo zoqhakamshelwano zabantu ekunokungqiniswa kubo, babe babini ubuncinane.
- Iifomu ezigcwaliswe ngokupheleleyo zatyikitywa ngokufanelekileyo zabatyumbi, abaxhasi kunye nabatyunjwa

Akukho tyumbo luza kuqwalaselwa ngaphandle kokuba luquka zonke ezi zinto zingasentla

Ngolwazi oluthe vetshe ngenkqubo kunye neemfuno, nceda utyelele iwebhusayithi yePanSALB kule diles www.pansalb.org kungenjalo kwezi nkcukacha zilandelayo:

Nks S.A Netshiheni
Umnxeba:(012) 341 9638
Ifeksi: (012) 341 5938
I-imeyile : angie@pansalb.org

Utyumbo kufuneka luthunyelwe kulo ulandelayo:

IGosa loLawulo eliyiNtloko (CEO)
Ingqalelo: uMphathi weCandelo lee-NLB
IBodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika

Posela kule dilesi:
Private Bag X08
Arcadia
0007

Ngesandla:
5th Floor, Provisus Building
523 Stanza Bopape Street
Arcadia
0083

Umhla wokuvala: 28 kweyeThupha 2017

Nceda uqaphele ukuba utyumbo oluthunyelwe ngefeksi okanye nge-imeyile aluzukwamkelwa.